isiXhosa

YITHI PHANTSI KUBUNDLOBONGELA

Ubundlobongela ngokuchasene nabasuka kumazwe angaphandle lulwaphulo-mthetho!

Urhulumente akasokuze aluvumele tu naluphi na uhlobo lobundlobongela ngokuchasene naye nabani na!

Masisebenzisane ukudala ubomi obungcono babo bonke abahlala eMzantsi Afrika.

Masisebenzisane ukwakha izakhono zethu nokudala amathuba emisebenzi.

Masisebenzisane ukulwa ulwaphulo-mthetho.

Masihloniphe bonke abo bahambele okanye bahlala eMzantsi Afrika.

Ukuba ngaba unolwazi ngohlaselo olucetyiweyo lokuhlasela abasuka kwamanye amazwe abahlala eMzantsi Afrika, nceda utsalele isikhululo samapolisa esikufutshane nawe okanye kwimeko kaxakeka tsalela ku-10111.

REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

YITHI PHANTSI KUBUNDLOBONGELA

MASISEBENZISANE UKUTHINTELA UBUNDLOBONGELA OBUCHASENE NABASUKA KUMAZWE ANGAPHANDLE

Uhlaselo lobundlobongela kubantu abasuka kumazwe angaphandle abahlala eMzantsi Afrika abusokuze buncede nabani na. Awona maxhoba idla ngokuba ngabantu abamsulwa – abophuli-mthetho badla ngokusinda. Apho unolwazi khona ngezenzo zolwaphulo-mthetho – yazisa abasemagunyeni. Musa ukuthathela umthetho ezandleni zakho.

Urhulumente umema lonke uluntu ukuba luhlale luvundlile luze luxele naziphi na izenzo zobundlobongela ezicetyiweyo nentiyo yabasuka kwamanye amazwe.

Ukusingathwa ngokuyimpumelelo kweNdebe yeHlabathi ye-FIFA yowama-2010 kudale umfanekiso omhle ngoMzantsi Afrika nelizwekazi le-Afrika kuluntu lwezizwe-ngezizwe. Ilizwe lethu lifumene ukwanda okukhulu kwenani leendwendwe ezilihambeleyo laza laphucula amathuba okufumana abatyali-zimali ngoko ke namathuba omsebenzi.

Nabuphi na ubundlobongela elizweni lethu buya kubuyisela umva inzuzo esiyizuze ngokusingatha iNdebe yeHlabathi. Ihlabathi lisiqwalasele ngaphezulu kunakuqala ngoku.

Ubundlobongela abuzange baba sisisombululo.

REPUBLIC OF SOUTH AFRICA